URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Fazeela Haffejee**
ICandelo leKharityhulam ye-*FET*
Fazeela Haffejee@westerncape.gov.za | 021 467 2868

Inombolo yefayili: 22/2/6/1
Isalathiso: 20240115-784

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: DCF 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

**Isihloko:** ***IiNcwadana zee-Tips for Success eziya kuBaviwa beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke bango-2024***

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lilungise incwadana u-*Tips for Success* ukulungiselela umviwa ngamnye waseNtshona Koloni weSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ngo-2024 nokubanceda kumalungiselelo eemviwo zabo. Le ncwadana inika iingcebiso ngokufunda, iingcebiso ngeemviwo, iinkcukacha ngeebhasari, inkcazo ngokuqulethwe zizo zonke izifundo, nee-*QR codes* zee-*Telematics videos* nenye ingcaciso eluncedo.

2. Inguqulelo eyi-*digital version* yale ncwadana inako ukufumaneka kule linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/tips-success.

3. Iincwadana ziya kuprintelwa kwakhona bonke abaviwa beBakala 12 yaye ziya kufumaneka kwii-ofisi zezithili ekuqaleni kweKota 1.

4. Ukwenzela ukuba ezi ncwadana zibe nesiphumo esinqwenelekayo ekuncediseni abaviwa kumalungiselelo eemviwo zabo, **kucetyiswa ngokumandla ukuba ootitshala mabaxoxe ngokuqulethwe yile ncwadana neeklasi zabo zeBakala 12** yaye babakhuthaze abaviwa ukuba bayisebenzise ngokupheleleyo unyaka wonke.

5. Anokufumaneka apha amaphepha emibuzo nee-memorandam zokumakisha zeemviwo ze-*NSC* ezidlulileyo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/documents/Matric/matric-n/index.html


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-01-22